1. 1. Ukubuyela eNkonzweni
(Esi saziso sisebenza kumalungu aseMzantsi Afrika naseBotswana – hayi eNamibia (kutsha nje eseseluvalelweni) & neMozambique (apho iinkonzo zobungcwalisa zingavumelekanga ukuba ziqhutywe).
Siyabulela ngempucuko kwimeko ephathelene nosuleleko, ukuchacha, nokulawula okugqithisileyo kwentshalongwane eyi COVID-19. Masiqhubekeke ukwenza eyethu indima ukuqinisekisa ukuba siyazinxiba izifonyo zobuso, kwaye sigcine umgama wentlalo okhuselekileyo. Siyaqhubekeka ukuvakalisa umbulelo wethu kubasebenzi abaphambili abasebenza ngokungadinwa ekulweni isifo. Ngenxa yempumelelo yangoku yezinga eliphantsi losuleleko nezinga eliphezulu lochacho kuzwelonke, sifumanisa ibubulumko ukwazisa ukubuyela kwenxalenye ezinkonzweni ukusukela ngoLwesithathu umhla we 09 Septemba 2020 ngokwezi ziseko zilandelayo:

- Sifuna ukunika amalungu anomcelamgeni woqhagamishelwano ithuba lokuqala lokutyelela iinkonzo zobungcwalisa (eziya kuba yinkonzo yelizwe okwangoku – njengokuba sisenza ngoku) kwizakhiwo zethu zenkonzo kumyinge wabantu abayi 50 ubuninzi – yonke imithetho yezempilo yeCOVID-19 iyakuaqatshelwa. Umphathi-bandla wakho uyakunazisa ngesi sindululo. Nceda ukqinisekise ukuba zonke incukacha zakho zokunxulumana zilungisiwe kwiMIS.
- Ku Septemba, niyakuba nako ukuba namava enkonzo yobungcwalisa yaphakathi evekini ebanjwa ziinkokheli zengingqi. Iinkonzo zobungcwalisa ziyakuqala ngentsimbi ye 19:00 kwaye ziya kusasazwa kuFacebook Live naku/okanye kuYouTube. Abaphathi-bamabandla benu bayakuninika uqhagamishelwano olufanelekileyo lwebandla lwenu.
- Ngenxa yeenkonzo zobungcwalisa zengingqi, akusayi kubakho lusasazo lweenkonzo zobungcwalisa olusuka kwindawo enye njengoko besinazo ukuza kuthi ga ngoku eSandton okanye eSilvertown.

Ukuqinisekisa ukba sennza okungcono kumalungu ethu, abo bangaphezu kweminyaka eyi 60 kunye nabo banezigulo bayakhuthazwa ukuba bangabuyeli kwangoku emabandleni. Andizange ndicinge ukuba ndingaxelela abantu bangezi ezinkonzweni, kodwa ndicela nikwamkele oku. Siyakuqhubekeka ukuninika iinkonzo zobungcwalisa ngosasazo. Okwangoku, asikabi nako ukunikezela naziphina iisakramente. Thina, sikunye namanye amahlelo obuKrestu sense izicelo zezilungiso zoku. Masiqhubekeke ukuthandaza ukuze kwakamsinya sibe namava eesakramente.

Imitshato
Inokuba nivile ukuba imitshato eMzantsi Afrika naye ivunyelwe kumyinge wabantu abayi 50 ubuninzi. Sikunye nezinye iinkokzo, sifuna iingcaciso njengoko umthetho omiyo ubhekisa kuphela kumbiyozo womtshato. Ndiyababongaza abatshati ukuba bakwamkele oku. Asifuni ukulahlekana neenkolo zethu.

Isiqinisekiso (unyaka wokugqibela)
Njengenxalenye yokubuyela kwezimiselo, abaqinisekiswa bethu bonyaka wokugqibela bayakuqalisa ukubuyela kwizifundo zobo. Umphathi-bandla wenu uyakucebbisa ukuba oku kuya kwenzeka njani kwibandla lenu.

Ukuphunyuzwa okulindelweyo
Ku Septemba, Ndiya kutyelela ingingqi yaseGoerge, Mpumalanga, kunye neKimberley. Kolu tyelelo ndiya kuphumza ezi zisebenzi zilandelayo:
• UMvelelui uTrevor Stephens – ngoLwesine, 17 Septemba 2020 (eGeorge).
• UMpostile uLionel Meyer – ngeSunday, 20 Septemba 2020 (eBarberton) – oku kuya kwenzeka kusasazo lwangCawa.
• UMveleli uEdward (Eddie) Bhana ngeCawa, emva kwexesha lesiqhelo, nge 27 Septemba 2020

(eKimberley).Usasazo oluqhelekileyo luya kuqhuba ngo 09h00. Ngale Cawa (27th September) iya kuba kokoqala inkonzo yethu ibe nosasazo eMozambique (iyakuqhutywa nguMpostile u Mazuze).

Izifundo zeRecorder zabaphakathi
Sivelise isifundo esitsha zabathandi beRecorder eyiya kusasazwa ku NACTV. Ulandelisa izifundo zabaQalayo kwi, siyavuya ukwazisa ngokusesikweni ngezifundo zeRecorder eziphakathi. Isiqendu sokuqala siya kusasazwa ngeCawa, 13 Septemba ngo 10h45. Izifundo zeRecorder eziPhakathi ziyakwandulelwa zizifundo zeRecorder zabaQalayo ngo 10h30. Zombini ezi zifundo ziyakuphindwa ngeeCawa ngo 13h45, nangolweeziThathu ngo 17h00. Bazali abathandekayo, ncedani nibakhuthaze abantwana benu ukuba baqhubekeke ukuphuhlisa izakhono zabo kwirecorder.

Umasingcwabane eNAC
Ixesha loqokelelo lwemali kamasingcwabane wethu ka 2020/2021 ngoku luqukunjelwe. Ndiyanibulela kakhulu ngenkuthalo yenu malunga noku. Ezinye iinkcazelo ngomasingcabane ziyakwaziswa ngesaziso kwixesha elizayo ngo NACTV.

IMini yeMibulelo – ICwaa, 4 Oktobha 2020
NgeCawa umhla we 04 Oktobha, siyakubhiyozela uMbongo. Ndiyaqonda ukuba imiqathango iyakuba isekho ngelo xesha, kodwa ndiyanikhuthaza ukuba nizibandakanye kwizimiselo ezahlukeneyo ezicetywe ziinkokheli zengingqi yenu. Inkonzo yobungcwalisa yoMbongo yethu iya kusasazwa kwisakhiwo esitsha senkonzo eGoodwood. Ndiya kusebenzisa le nkonzo yobungcwalisa ukungcwalisa isakhiwo senkonzo. Silawulwa yimiqathango ekhoyo ngoku, kuphela yinxalenye yebandla eya kubanako ukutyelela inkonzo yongcwaliso. Kwangoku ndiyawabulela amalungu ngokuqonda kwawo le meko ingaqhelekanga.